



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-
 - 80 kwiCANDELO A.
 - 40 kwiCANDELO B
 - 30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. **UBUDE BEEMPENDULO:**
ICANDELO A: Izincoko- Bhala isincoko esili-190–240 amagama.
ICANDELO B: Imihlathi emide- Bhala ama-80–100 amagama. [umxholo kuphela]
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane- Bhala ama-60–80 amagama. [umxholo kuphela]
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.


- 1.1 Kumnandi ukuba nabahlobo. [50]
- 1.2 Ubuntwana. [50]
- 1.3 Gqi umzali ndingalindelanga. [50]
- 1.4 Oomantshingilane/oosetyhurithi mababe khona ezikolweni. [50]
- 1.5 Ukubaluleka kolwazi. [50]
- 1.6 Xa ndinokuba ngumphathiswa wezemidlalo. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe kwi-intanethi] [50]

1.7.2



[Uthathwe kwi-intanethi]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA ESESIKWENI YESIKHALAZO

Bhalela umhleli wemagazini ukhalazele inqaku elingenabunyani olibona kwimagazini yakhe ngengingqi yakho.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari kamalumele wakho.

[30]**2.3 INGXELO**

Bhala ingxelo engokungakhathalelwa kwemfundo lulutsha olungxamele ukuba ngoosaziwayo.

[30]**2.4 INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lokuthi ndlela-ntle kwinqununu yesikolo sakho.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli CANDELO. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-60-80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo.

3.1 IPOWUSTA

Bhala ipowusta wazise ngerali yolutsha eza kubanjelwa kwisiteyidiyam sengingqi yakho.

[20]**3.2 UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala kwidayari yakho izinto oza kuzenza kwiintsuku eziNTLANU phambi kokuba uye konwabela iiholide zehlobo.

[20]**3.3 UMYALELO**

Bhala imiyalelo oza kuyinika abantu abafuna ukungenela ukhuphiswano lwee-*Idols*.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

